



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## **NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**NOVEMBA 2011**

**WESTERN CAPE**

**AMANQAKU: 120**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha ali-18.**

## IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMANE angala:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Ulwimi	(60)
ICANDELO D:	Uncwadi	(20)
2. Funda YONKE imiyalelo ngononophelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Bhala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo ngalinye.
6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

### ISICATSHULWA A

- 1.1 Funda esi sicatshulwa sihamba nemifanekiso yaso ngononophelo uze uphendule imibuzo elandelayo.

# 106!

#### UMHLATHI 1

Lo ngumakhulu uMannakoe Makobane, ohlala eTambo Section, kude kufuphi naseSenekal eFreyistata. Ungomnye wabona bantu abadala ehlabathini, ubegqiba iminyaka eli-106 ngoJulayi, kwaye usazimisele ukuphila ixesha elide.

#### UMHLATHI 2

UMannakoe unabantwana abasibhozo, kodwa ababini kubo sebebhuhile. Unabazukulwana abangama-38, isizukulwana esingama-46 nesizukulwana sesizukulwana esimbalwa.



#### UMHLATHI 3

Uthi ubenako ukufikelela kule minyaka kuba ukhule ehlonipha abadala esitya nokutya okusempilweni, njengemifuno neziqhamo. "Ndicebisa ukuba ulutsha lwenze njalo. Ukuhlonipha kwandisa imihla yakho yokuphila," utsho.

#### UMHLATHI 4



"Ndibulela uThixo ngokundigcina iminyaka emingaka. Ngenxa yothando nobulumko Bakhe ndisaphila – kwaye ndonwabele ukuba kunye nesizukulwana sam!" UMakhulu Mannakoe uyeva kwaye ubona kakuhle, ingxaki anayo kukuhamba.

#### UMHLATHI 5

Asiyonto imangalisayo leyo kumntu ozalelwe efama ekude kufuphi neWinburg ngonyaka ka-1902. Akazange akwazi ukufunda waza wathi ngo-1933 watshata noLetsatsi—owasweleka ngo-1993. "Ubomi babunzima ngelo xesha leminyaka yoo-1930. Saqala ukusebenza sisebancinci kwaye sasihlawulwa imali engekho!"

#### UMHLATHI 6

"Ucalulo lobuhlanga lwasihlutha ithuba lokuba sifunde. Andikwazi ukufunda, ukubhala nditsho negama lam eli, kodwa abangoku abantwana bayakwazi ukuya esikolweni bafumane imisebenzi ebhetele. Thina sikhule sihlupheka!" UMannakoe uthi akazange wabufaka utywala emlonyeni wakhe – kwaye loo nto yenye yezinto ezimenze wanempilo ende! Nangona umakhulu uMannakoe engazityi izinto ezininzi – kodwa angakubulala ngeelekele!

UMakhulu ubhiyozela ikhulu elinesithandathu leminyaka kunye nabahlobo nezalamane.

[Sikhutshwe kwiBona kaSeptemba 2008 saze sahlelwa]

#### UMHLATHI 1

- 1.1.1 Umakhulu uMannakoe uhlala kufuphi nesiphi isixeko? (1)
- 1.1.2 Ngubani ifani kaMannakoe? (1)
- 1.1.3 Umakhulu uMannakoe uneminyaka emingaphi? (1)

#### UMHLATHI 2

- 1.1.4 Yinyaniso okanye bubuxoki into yokuba bonke abantwana bakaMannakoe basaphila? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.1.5 UMannakoe unabazukulwana abangaphi? (1)

#### UMHLATHI 3

- 1.1.6 Umakhulu uMannakoe ucebisa ulutsha ukuba lwenze ntoni ukuze lwandise iminyaka yalo yokuphila? (2)

#### UMHLATHI 4

- 1.1.7 Yintoni emonwabisayo uMannakoe ngoku ebomini bakhe? (1)
- 1.1.8 Chaza ingxaki anayo uMannakoe empilweni yakhe. (1)

#### UMHLATHI 5 NOWE-6

- 1.1.9 Yinyaniso okanye bubuxoki? UMannakoe uyakwazi ukufunda kuba ubona kakuhle. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.1.10 Ngubani owasweleka ngo-1993? (1)
- 1.1.11 UMannakoe uthi, "Ubomi babunzima ngelo xesha loo-1930." Babunzima ngenxa yantoni? (2)

#### UMHLATHI 6

- 1.1.12 Ubomi babantwana kule mihla bahluka njani nobomi babantwana ababephila ngelo xesha leminyaka yoo-1930? (2)
- 1.1.13 Xela ENYE into eyamenza ukuba uMannakoe abe nempilo ende. (1)
- 1.1.14 Bambalwa abantu abafikelela kwiminyaka eli-106 kule mihla. Uyavumelana nale nto okanye hayi? Xhasa impendulo yakho. (1)
- 1.1.15 Yintoni eyona nto athanda ukuyitya uMannakoe? (1)

## ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2 Jonga le khathuni, uze uphendule le mibuzo ilandelayo.



[BONA XHOSA, Septemba 2005 :103]

- 1.2.1 Ngubani onxibe iveri kwibhokisi yokuqala? (1)
- 1.2.2 UShoti ufike wafuna ukwenza ntoni kwibhokisi yokuqala? (1)
- 1.2.3 Kutheni uShoti ebambe intloko ngesandla kwibhokisi yesibini? (1)
- 1.2.4 Kutheni uShoti ekhangeleka edanile kwibhokisi yesihlanu? (2)
- 1.2.5 Uziva njani uChiskop kwibhokisi yesithandathu? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zimbini:
- A Uziva enomsindo
- B Uziva othukile (1)
- 1.2.6 Kutheni amanye amajimbos ephethe ii-emele, ithumbu lokunkcenkceshela nesixhobo sokucima umlilo kwibhokisi yesixhenxe? (1)
- 1.2.7 Ingathi uShoti uziva evuya kwibhokisi yesibhozo. Nika isizathu soko. (1)
- 1.2.8 Ucinga ukuba uShoti wenze into elungileyo kule khathuni na? Chaza. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO


### UMBUZO 2

Funda esi sicutshulwa uze usishwankathele.

1. Bhala izivakalisi ezisixhenxe okanye umhlathi onezivakalisi ezisixhenxe uthethe ngeendlela zokuqhuba imoto ngokukhuselekileyo. Isivakalisi ngasinye kwezi zisixhenxe masiquke icebiso (icebo) elinye malunga nokuqhuba imoto ngokukhuselekileyo. Yenza ezakho izivakalisi ungakopi ngqo. (7)
2. Sebenzisa ulwimi olwamkelekileyo uze ushwankathele ngamagama angadlulanga kuma-50. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo. (3)

### IINDLELA ZOKUQHUBA NGOKUKHUSELEKILEYO

AbakwaDrive Alive basixelela ukuba abantu abaninzi bayasweleka ezindleleni ngenxa yokungaqhubi ngenkathalo. Kubantu abasweleka ngexesha likaDisemba malunga nama-90 eepesenti abantu abaswelekayo basweleka ngenxa yeengozi zezithuthi (zeemoto). Nazi iindlela zokuqhuba ngokukhuselekileyo:



#### Okokuqala: Lungisa isithuthi

Kubalulekile ukusilungisa isithuthi sakho phambi kokuba usiqhube. Qiniseka ukuba yonke into isebenza kakuhle kwaye akukho nto inokwenza ingozi xa uqhuba.



#### Okwesibini: Landela imithetho

Abaqhubi abaninzi bafaka izithuthi zabo ezingozini kuba bengayilandeli ngokufanelekileyo imithetho yendlela. Umzekelo xa ungamisi kuphawu oluthi STOP, okanye ungalandeli imiyalelo yeerobhothi, uza kwenza iingozi ezimbi ezindleleni.

#### Okwesithathu: Utywala

Baninzi abaqhubi abasela utywala xa beqhuba iimoto zabo. Le nto iphikisana nomthetho kwaye iyingozi. Utywala benza ukuba abantu baqhube kakubi endleleni. Baninzi abantu kwizibhedlele zethu ngenxa yokugilwa ngabaqhubi abanxilileyo.

#### Okwesine: Qhuba ngesantya esamkelekileyo

Ukuqhuba ngesantya esiphezulu sesona sizathu esenza iingozi zeemoto. Xa ubalekisa kakhulu isithuthi sakho, kuba nzima kakhulu ukusilawula xa usengxakini.



**Okwesihlanu: Abahambi ngeenyawo nezilwanyana**

Kubalulekile ukuba abaqhubi baqaphele abahambi ngeenyawo kunye nezilwanyana. Ngamanye amaxesha abahambi ngeenyawo okanye izilwanyana zingangena endleleni ngesaquphe. Umqhubi makajonge indlela ngakumbi kwiindawo ezinezikolo okanye iifama ezingabiyelwanga.

**Okwesithandathu: Lala xa udiniwe**

Umqhubi oqhuba umgama omde, xa ediniwe kufuneka alale. Ukuqhuba usozela okanye udiniwe kwenza kube nzima ukuqwalasela endleleni kwaye kungakhokelela ezingozini.

**Okwesixhenxe: Iselula-fowuni**

Ukusebenzisa ifowuni uqhuba kubangela ukuba amehlo akho asuke endleleni abe kwifowuni. Ngolu hlobo uye ungaboni ukuba kwenzeka ntoni phambi kwakho kwaye ungene kwingozi embi kakhulu.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: ULWIMI

### UMBUZO 3

3.1 Lungisa amagama akrwelelwe umgca ngaphantsi.

Umhlobo bam omkhulu uthanda ukudlala umdlalo yesoka. Ungumdlali olungileyo. Udlala iqela lokuqala esikolweni sethu. Ndithanda ukuwubukela umhlobo edlala nabanye abahlobo bam abakhulu. Basoloko bedlala kweli bala lethu elikhulu.

(5)

3.2 Gqibelzela ezi zivakalisi zilandelayo ngokukhetha igama elifanelekileyo kula asebhokisini. Bhala igama kuphela.

bona; esi; le; nolu; kwesi; aba; ngale; lona
--

3.2.1 ... badlali bathanda ukudlala esikolweni sabo.

(1)

3.2.2 ... ngalo yam ibuhlungu namhlanje.

(1)

3.2.3 Masihambe ... bhasi namhlanje.

(1)

3.2.4 Umntwana womhlobo kamama ufuna ukufunda ... sikolo sethu.

(1)

3.2.5 Inja yethu ayizi kudlala ... sana lukamama.

(1)

3.3 Bhala ezi zivakalisi kwisinye.

Umzekelo: Abantwana babhala uvavanyo lwesiXhosa.

Impendulo: Umntwana ubhala uvavanyo lwesiXhosa.

3.3.1 lintombi ziza kudlala iqakamba.

(1)

3.3.2 Izifundo zimnandi.

(1)

3.3.3 Ootata bacula kamnandi.

(1)

- 3.4 Yenza imibuzo eza kuhamba nezi mpendulo zilandelayo. Sebenzisa amagama akrwelelwe umgca ngaphantsi kwimibuzo yakho.

Umzekelo: Igama lam nguThandeka.

Impendulo: Ngubani igama lakho?

3.4.1 Ndibukele isoka kwisiteyidiyamu saseSoccer City. (1)

3.4.2 Bekukho abaxhasi abaninzi. (1)

3.4.3 Ndiza kubukela umdlalo wamaKhosi ngoMggibelo. (1)

3.4.4 Ndiza kuhamba nawe, mfondini! (1)

3.4.5 Siza kuhamba ngololiwe. (1)

- 3.5 Tshatisa izivakalisi ezikuKHOLAM A nezivakalisi ezikuKHOLAM B. Bhala inombolo kunye nonobumba (A–E) ofanelekileyo.

KHOLAM A		KHOLAM B	
3.5.1	USipho ucele imali kutata wakhe.	A	ebefuna ukuthenga into ethile evenkileni.
3.5.2	Abafundi bafike emva kwexesha esikolweni.	B	bekungekho peni etasini kaViwe.
3.5.3	Ebengenakho ukubhala.	C	ibhasi ayikhange ifike ngethuba.
3.5.4	Umfundi ugodukile.	D	uLulama ebenomngxuma epokothweni yakhe.
3.5.5	Ulahlekelwe ziirandi ezimbini.	E	Utitshala uthe ebeziva egula.

(5 x 1) (5)

- 3.6 Cwangcisa la magama ngokulandelelana njengokuba uza kuwafumana kwidikshinari (kwisichazi-magama) yesiXhosa.

**Umzekelo:** usisi, usana, indoda, -sebenza, umkhwitsho

**Impendulo:** (i) (um)khwitsho  
(ii) (i)ndoda  
(iii) (u)sana  
(iv) -sebenza  
(v) (u)sisi

3.6.1 Umkhumbi; ibheyile; umbhoxo; ichibi lokudada; umphangi (5)

3.7 Bhala ezi zivakalisi zibe kwixesha elibhalwe kwizibiyeli ecaleni kwesivakalisi ngasinye kwezi zilandelayo.


3.7.1 Umhlobo wam ubukele uJika Majika kumabonakude phezolo. (ixesha ebelidlula). (1)

3.7.2 IsiXhosa siyathethwa emaXhoseni. (ixesha elalidlula). (1)

3.7.3 Ixhego aliphangeli kule venkile. (ixesha eladlulayo). (1)

3.7.4 Imifuno ayihlanjwa. (ixesha elizayo). (1)

3.8 Jonga kulo mfanekiso uphendule imibuzo (3.8.1–3.8.3) ngokubhala unobumba/oonobumba (u-A ukuya ku-F). Umzekelo: 3.8.1 = E



3.8.1 Zeziphi iikati ezimhlophe qhwa? (1)

3.8.2 Yeyiphi ikati enemigca emnyama emzimbeni wayo? (1)

3.8.3 Yeyiphi ikati emhlophe namnyama engenabala limnyama emsileni wayo? (1)

3.9 Jonga kulo mzekelo uze uphendule umbuzo olandelayo.

Umzekelo: "Sifuna ukudlala lo mdlalo," batshilo abafundi.

Impendulo: Abafundi bathe bafuna ukudlala lo mdlalo.

3.9.1 "Siza kuphumelela kulo mdlalo namhlanje", batshilo abadlali bethu.

Sibhale kwakhona esi sivakalisi uqale ngolu hlobo:

Abadlali bethu bathe ... (2)

3.9.2 "Ndiza kunohlwaya xa nidlala nje," utshilo usompempe.

Sibhale kwakhona esi sivakalisi uqale ngolu hlobo:

Usompempe uthe ... (2)

- 3.10 Khetha amagama afanelekileyo kwibhokisi engezantsi uzalise izikhewu kwisivakalisi ngasinye.

**Heyi!; Shu!; Tyhini!; Tshwa; Nx!; Krwe; Ngqo; Thsu**

3.10.1 "Sisi, ukuba ufuna ukufika msinya ehotele, hamba ... ngale ndlela uyibonayo." (1)

3.10.2 Namhlanje utitshala unxibe ihempe ebomvu ... (1)

- 4.1 Yenza izibizo ngokusebenzisa ezi zenzi zilandelayo.

Umzekelo: -funda = imfundo/umfundi.✓

4.1.1 -khalaza (1)

4.1.2 -danisa (1)

4.1.3 -hamba (1)

- 4.2 Bhala igama elikwisibiyeli kwezi zivakalisi zilandelayo libe kwisalathandawo. Bhala igama kuphela.

Umzekelo: Abadlali badlala (ibala) lesikolo.


Impendulo: ebaleni



4.2.1 Jonga! Nalu ukhozi luhleli (umthi). (1)

4.2.2 Laa mntwana ufake yonke ikeyiki (umlomo) wayitya. (1)

4.2.3 Ndifumene impukane (ubisi) lwam! (1)

- 4.3 Funda ezi zivakalisi utshatise isivakalisi ngasinye nomfanekiso ofanelekileyo. Bhala inombolo efanelekileyo kuphela. Umzekelo: 4.3.1 = 1



- 4.3.1 Isikhephe sihambe ngqo sajika ekhohlo. Emva koko sijike ekunene saphinda sajika ekhohlo. (1)
- 4.3.2 Esi sikhephe sihambe ngqo sajika ekunene. Emva koko sijike ekhohlo saphinda sajika ekhohlo. Ekugqibeleni sijike ekunene. (1)
- 4.4 Phinda ubhale ezi zivakalisi zibe kwimo elandulayo.
- 4.4.1 Isela libanjwe lipolisa elide. (1)
- 4.4.2 Amantombazana aza kufumana amanqaku aphezulu. (1)
- 4.4.3 Ulutsha lwadlala iintonga. (2)
- 4.4.4 Unesi ufikile. (1)
- 4.5 Jonga kulo mfanekiso ubhale umyalelo ngokusebenzisa u-**Kha**- ekuqaleni.
- Umzekelo: 
- Impendulo: **Khawubophe**inja yakho. ✓
-  (1)
- 4.6 Funda lo mhlathi uze uguqule amagama esiNgesi akrwelelwe umgca ngaphantsi uwabhale ngesiXhosa.
- (4.6.1) On Friday umama notata baya (4.6.2) to town ukuya kuthenga (4.6.3, 4.6.4) fruit and vegetables kwaPick 'n Pay. Bathanda le(4.6.5) shop kakhulu. (5)

**AMANQAKU ECANDELO C: 60**

## ICANDELO D: UNCWADI

### IMIYALELO

- Khetha incwadi ENYE kuphela uphendule imibuzo yale ncwadi uyikhethileyo.
- Ukuba ukhetha **UNGODONGWANA** uze uphendule UMBUZO 5.
- Ukuba ukhetha **IHOLIDE EBIWEYO** uze uphendule UMBUZO 6.

### UMBUZO 5: UNGODONGWANA – PM Ntloko

Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

UJOBE:	Kunjalo Nodunge. Khawuncede ubize uMamBamba phaya ngasendlwini.
UNODUNGE:	Ewe, Nkosi yam. ( <i>Waya kumbiza</i> )
UJOBE:	MamBamba!
UMAMBAMBA:	Nkosi!
UJOBE:	Umbonile na uNodunge?
UMAMBAMBA:	Ewe, Nkosi, ndimbonile. Bendisazama into yokunqand' unxano.
UJOBE:	Hamba ke, maz' am; ucinge ngokomzalikazi. Ngumntwan' akho oyintanda uNodunge lo. Abakabuyi oonyana bakho, uTana noNgodongwana?
UMAMBAMBA:	Hayi, Nkosi, okoko bebeye emdudweni.  ( <i>Waya endlwini uMamBamba</i> )
UNODUNGE:	Fan' ukuba basaphethwe yibhabhalaza.
UJOBE:	Ewe, uyathetha Nodunge, noko baye bebe sebekho ngeli xesha lemini. UNgodongwana ngumntu othanda isisu sakhe.  ( <i>Kungena uMamBamba</i> )  Nantso intloya, khaniphozise kweli langa litshisa kangaka.
UNODUNGE:	Awu! Imaz' enethole Nkosikazi!
UJOBE:	MamBamba, khawubize uDingiwe.
UMAMBAMBA:	Ewe Nkosi, uyeza, usaye kukha amanzi emthonjeni.  ( <i>Kungena uDingiwe</i> )

UDINGIWE:	Ndim lo Tata. Umama uthi uyandibiza.
UJOBE:	Baphi abanakwenu?
UDINGIWE:	Ndibashiye besancokola nabanye abafana, Tata.
UJOBE:	O-o-o! Kulungile ungahamba. <i>(Basela intloya)</i>
UNODUNGE:	Kowu! Yaphola kamnandi le ntloya!
UJOBE:	Ewe, ingamenz' umntu abe nguhobolozela.
UNODUNGE:	Inkosi ukuba ayisayi kukhathazeka, kukho into endifuna ukuyithetha.
UJOBE:	Yintoni Nodunge le unga ungayithetha?
UNODUNGE:	Ndiyoyika hleze inkosi ndiyenzakalise emphefumleni.
UJOBE:	Thetha, Nodunge, thetha. Yintoni le ufuna ukuyithetha? Yithethe inkosi yakho iyive.
UNODUNGE:	Inkosi umhlekezi ndiyamcela ukuba aze anyamezele. Masiye endlwini hleze ezi ndaba zimke nomoya.

- 5.1 UJobe ubiza uMaMbamba ngenxa yantoni? (2)
- 5.2 Uyintoni uMaMbamba kuJobe? (1)
- 5.3 UNodunge uyintoni kuJobe? (1)
- 5.4 UNodunge ebesenza ntoni kwaJobe ngaloo mini? (2)
- 5.5 Ngoobani oonyana bakaJobe abebengekabuyi emdudweni? (2)
- 5.6 UNodunge uthi, "Fan' ukuba basaphethwe yibhabhalaza." Chaza intsingiselo yale ntetho yakhe. (2)
- 5.7 UJobe uzama ukuthini ngoNgodongwana xa esithi, "UNgodongwana ungumntu othanda isisu sakhe."? (2)
- 5.8 Ibinjani imozulu ngaloo mini? Caphula kwesi sicatshulwa ibinzana eliza kuxhasa impendulo yakho. (2)
- 5.9 Kuthetha ukuthini, "Imaz' enethole ..."? (1)
- 5.10 UDingwe ebesenza ntoni ngexesha lokubizwa kwakhe nguJobe? (1)



- 5.11 UJobe ubuza uDingiwe ngobukho boonyana bakhe. UDingiwe uthe oonyana basancokola "nabanye abafana". Chaza ukubaluleka kwale nto kule ncwadi. (2)
- 5.12 Chaza isizathu sokuba uNodunge angafuni kuthetha noJobe kulaa ndawo abebekuyo? Xhasa impendulo yakho ngokubhekisela kwisicatshulwa. (2)

[20]

### UMBUZO 6: *IHOLIDE EBIWEYO* – J William noT Ntshinga


Funda esi sicutshulwa uphendule imibuzo.

"Yho aluseluhle!" watsho ngesingqala uElizabeth. "Singaya kudada, tata?" wabuza uAndrew. Wahleka uRobert. "Hayi, namhlanje. Kuya kuba mnyama kwaye kuyingozi ukudada ebumnyameni. Nto esinokuyenza kukuvukela khona ngomso." UGrace yena wathi: "Andifuni kudada. Ndifuna nje ukuhamba esantini. Ngokuqinisekileyo singakwenza oko ngale njikalanga."

URobert wemisa e-ofisini esekungeneni kwindawo yabatyeleli ukuze ahlawulele indlu ababeza kuhlala kuyo. Emva koko waqhuba ukuya kwaNombolo 3. Kwakungaphaya nje komgaqo ukusuka elwandle.

Wonke umntu waphuma emotweni wazolula. Basebeluva ngevumba ulwandle. "Ndiyalithanda eli vumba," watsho uAndrew ephefumlela ngaphakathi emiphungeni ivumba lolwandle. Emva koko bahlola-hlola le ndawo yabo yokuhlala. Yayincinci kodwa ifanelekile. Kwakukho amagumbi amabini okulala.

UElizabeth waqaja kuqala esithi: "Mna, ndifuna ukulala esofeni kwigumbi lokuhlala!" Amakhwenkwe akhupha impahla emotweni. Ngeli xa uGrace noElizabeth baxhoma impahla kwiityesi zokuxhoma, amakhwenkwe wona ayepakisha ukutya ezikhabhathini ekhitshini.



Emva kokuba betshintshe banxiba iimpahla ezicocekileyo, uRobert noGrace kunye nabantwana bangcemba bee chuu ukuhlisa unxweme. Kwathi kungekudala babe bonke sebezikhulule izihlangu behamba ngaphandle kwazo esantini. Amanzi olwandle apholileyo ayebetha ephozisa iinyawo zabo.

URobert waphefumlela phezulu ngovuyo. Kwakukuhle ngaselwandle, kwaye wayekuvuyela ukubona usapho lwakhe lonwabe ngolo hlobo.

- 6.1 Usapho lukaRobert luhambe ngantoni ukuya eholidayini? (1)
- 6.2 Ngowuphi umntwana kaRobert othanda kakhulu ukudada? (1)
- 6.3 URobert wabavumela na ukuba badade ngemini yabo yokufika elwandle? Cacisa impendulo yakho. (2)
- 6.4 UGrace yena ebenomnqweno wokwenza ntoni ngaloo njikalanga? (1)
- 6.5 Chaza isizathu sokuba bamise eofisini yabatyeleli. (1)
- 6.6 Yinyaniso okanye bubuxoki? Ngokomfanekiso, indlu ababeza kuhlala kuyo, yayikude nolwandle. (1)
- 6.7 Bonke abantu bazolula bakuphuma emotweni. Chaza isizathu soko. (2)
- 6.8 Leliphi ivumba ebelithandwa nguAndrew? (1)
- 6.9 Ngubani obefuna ukulala egumbini lokuhlala? Lo mntu ebefuna ukulala ndawoni kweli gumbi? (2)
- 6.10 Bekukho amagumbi amangaphi ngaphandle kwegumbi lokuhlambela kule ndlu abebehlala kuyo? (2)
- 6.11 Abantwana babancede njani abazali babo bakufika endlwini yabo yekhefu? (2)
- 6.12 Kuthetha ukuthini, "bangcemba bee chuu ukuhlisa unxweme"? Khetha impendulo efanelekileyo kwezi zilandelayo:
  - A Ukuhamba ngokukhawulezayo
  - B Ukuhamba ngokucuthayo
 (1)
- 6.13 Ithempritsha (amaqondo obushushu) yamanzi ibinjani? (1)
- 6.14 Waziva njani uRobert ngeli xesha bebehamba esantini? Nika isizathu sovakalelo lwakhe. (2)

[20]

**AMANQAKU ECANDELO D: 20**  
**AMANQAKU EWONKE: 120**